URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Vumile Nyalashe**
ICandelo lezoPhando
Vumile.Nyalashe@westerncape.gov.za | 021 467 9350

Inombolo yefayili: 12/2/3
Isalathiso: 20230419-3567

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lezoPhando: 0002/2023

Iya: KwiiNqununu zezikolo ezizimeleyo

**Isihloko: IiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni zangowama-2023 kwizikolo ezizimeleyo**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) sele kulithuba liqhuba iimvavanyo zenkqubo yemfundo kwiiLwimi nakwiMathematika kubafundi bamaBakala 3 nele-6 ukususela ngowama-2002. Le nkqubo yaye yanatyiselwa kwiBakala 9 ngowama-2010. Iziphumo zinceda izikolo ekuqapheleni iinkalo ezisafuna ukuphuculwa kwanokuba iSebe i-*WCED* liqaphele iinkalo zekharityhulam ezifuna inkxaso engaphezulu.

2. Izikolo ezizimeleyo zazicelwe ukuba zithathe inxaxheba kwiprogram yovavanyo ukususela ngowama-2010.

3. Izikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali kufuneka zithathe inxaxheba lo gama izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali ziyithatha inxaxheba zakuba zona ziceliwe.

4. Le ngcaciso imfutshane isebenza njengesicelo esisemthethweni esiya kuzo zonke izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali, ukuze zithathe inxaxheba kwiimvavanyo zenkqubo yemfundo zeSebe i-*WCED* ngowama-2023.

5. Ezi mvavanyo ziqhutywa ngababoneleli-nkonzo abazimeleyo abaqeshwe liSebe i-*WCED*.

6. Kucelwa ukuba niqwalasele ezi nkcukacha zilandelayo zeemvavanyo zowama-2023:

   - Ukuze isikolo sithathe inxaxheba kufuneka sibe nabafundi abali-10 ubuncinane kwibakala ngalinye lamabakala aza kuvavanywa.
   - Uvavanyo luya kuqala ngowe-**12 Oktobha 2023.**
   - Isikolo sakho siya kufumana ileta eyazisa ngomhla wovavanyo esuka kwiSebe i-*WCED.*
   - Iimvavanyo ziya kucwangciselwa usuku olunye kwisikolo ngasinye.

- Abafundi beBakala 3 baya kuvavanywa ngoLwimi lokuFundisa nokuFunda (*Language of Learning and Teaching* (*LoLT*) lwesikolo (ngesiNgesi, ngesi-Afrikansi okanye ngesiXhosa)) nakwiMathematika.
- Abafundi bamaBakala 6 nele-9 baya kuvavanywa nge-*LoLT* yesikolo (isiNgesi okanye isi-Afrikansi) nakwiMathematika.
- Amanqaku okupasa zonke iimvavanyo ngu-50%.
- Iiripoti zezikolo ziya kunikwa zonke izikolo.
- Ukuba isikolo sakho siye sanomdla ekuthatheni inxaxheba, kucelwa ukuba uzalise le fom iqhotyoshelweyo uyithumele kuMnu Vumile Nyalashe kule nombolo yefeksi: 086 555 3955 okanye uyithumele nge-imeyili apha vumile.nyalashe@westerncape.gov.za ungadlulanga **owama-26 Meyi 2023**.

- Kwakhona, makuqinisekiswe ukuba iinkcukacha zabo bonke abafundi abakumaBakala 3, 6 nele-9, zifakwa kwisistim i-*CEMIS* **ungadlulanga owama-28 Julayi 2023**.

7. ISebe i-*WCED* lijonge ngethemba ekuthatheni inxaxheba kwezikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali kwiimvavanyo zenkqubo yemfundo zeSebe i-*WCED* ngowama-2023 ukwenzela amaBakala 3, 6 nele-9.

**ISAYINWE**: NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-05-18